


**SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
SENIORSERTIFIKAAT-EKSAMEN**



**OCTOBER / NOVEMBER
OKTOBER / NOVEMBER**

2004

**ISIXHOSA ULWIMI
LWESIBINI**

(Iphepha Lesithathu)

HG

927-1/3

5 pages

IsiXHOSA SECOND LANGUAGE HG: Paper 3



927 1 3

HG

**COPYRIGHT RESERVED / KOPIEREG VOORBEHOU
APPROVED BY UMALUSI / GOEDGEKEUR DEUR UMALUSI**



**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG
UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI
UHLELO OLUPHAKAMILEYO
(Iphepha Lesithathu)**

IXESHA: 2 iiyure

AMANQAKU: 80

QAPHELISISA:

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B no C.
 - Khetha isihloko sibe sinye kwicandelo ngalinye.
 - Bhala ngokwemiyalelo oyinikiweyo kwicandelo ngalinye
 - Nombola imibuzo yakho, umz. A 1.3; 2.1 njalo-njalo.
 - Qala umbuzo ngamnye kwiphepha elitsha.
 - Hlela yaye ubhale ngokucacileyo.
 - Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
-

ICANDELO A


Kweli candelo bhala isincoko sibe SINYE ngamagama angama -250 -300. Isincoko sakho sinike isihloko.

UMBUZO 1


- 1.1 Latshona ecaleni mhla uMzantsi Afrika ubethwa kumjikelo wokuqala kumdlalo weqakamba. Njengomthandi walo mdlalo khawubalise sive ngokwenzeka ngalo mini.




- 1.2 Inkohlakalo yomntu komnye izisa usizi neentlupheko zomphefumlo nezomzimba. Xa ubunguMongameli welizwe ubunganqanda njani imfazwe kumazwe angavaniyo? Lamla baphela abantu sebenzisa lonke igunya onalo.



- 1.3 Ukule ndawo, intle iyathandeka ilungele amaxesha okuzonwabisa. Sixelele ngenkangeleko, iindawo ezinomtsalane, impatho nendlela abantu balapha abaphila ngayo. Khawuyichaze usihambise ngamehlo engqondo.



- 1.4 Ulutsha luphantsi koxinzelelo lokusebenzisa iziyobisi. Njengomntu omtsha unomnqweno wokugibisela ilitye esivivaneni ukulwa lo mkhuba wokusetyenziswa kweziyobisi. Yitsho onokukwenza ukulwa lo mkhuba.



1x40=[40]

AMANQAKU ECANDELO A: [40]

ICANDELO B

Kweli candelo phendula umbuzo ube MNYE. Bhala ngesihloko osikhethileyo ngamagama ali-120-150.

UMBUZO 2

- 2.1 Ubuya emakhaya emaphandleni uze eRhawutini. Ubuyamba ngebhasi. Ngelishwa uye walibala esinye sezikhwama zakho. Bhalela kwinkampani yebhasi leyo ubanike iinkcukacha ngale ngxowa. Baxebele ngendlela abanokuqhagamshelana nawe ngayo.



- 2.2 Kusemva kwenyanga ezintandathu kuqalisiwe ukufundisa ngendlela ejolise kwiziphumo (OBE). Abafundi ababini bancoma begxeka olu hlobo lwemfundo. Khwawusivise le ncoko.
- 2.3 Bhala isincomo-sigxeko somzi wokutyela. Landela imo yokubhalwa kwesincomo-sigxeko ungalibali izinto ezingundoqo (ezibalulekileyo) eziyakwenza ukuba siwuthande okanye wonyeliseke lo mzi.

AMANQAKU ECANDELO B: [20]

ICANDELO C

Kweli candelo uphendula umbuzo ube MNYE. Bhala ngamagama ali-120-150.

UMBUZO 3

- 3.1 Njengenkokeli yeqela lombutho wabafundi uzivile izikhalo zabo ngezinto ezingahambi kakuhle apha esikolweni. Bhala isimemo sentlanganiso esihamba ne-ajenda uyithi thaca imiba yezikhalazo ekuza kuxoxwa ngayo.
- 3.2 Bhala isibhengezo apha uthengisa imveliso yeshishini lakho okanye yalapho usebenza khona. Chaza konke okumele sikwazi ngale mveliso ngendlela eyokwenza sibe nomdla wokuyithenga.

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI UHLELO OLUPHAKAMILEYO (Iphepha Lesithathu) 927-1/3 V	5
---	----------

- 3.3 Intlanganiso ibishushu phakathi kwabazali nabezeSebe leMfundo. Abantwana abafumani zithuba zokufunda ezikolweni kuthiwa zigcwele. Bhala imizuzu yale ntlanganiso.

AMANQAKU ECANDELO C: [20]

AMANQAKU EWONKE: 80